basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**2016**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam inamaphepha ali-12.**

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

### 1.1 ISICATSHULWA A

1.1.1 Bathetha besevenkileni yakwaNtsibande.√ (1)

1.1.2 Kukuphoxeka kwababakwaMakhwetshu sisigqibo sokunikezelwa kwevenkile kumntu ongengomZulu emva kwethemba ababenalo lokuyifumana le venkile.√√ (2)

1.1.3 Ukuba indawo eliqhubeka kuyo ibali iselokishini√√ (2)

1.1.4 Asisigqebelo ngokuba ikwanguye ongabanqweneleli nto intle abantu bakwaNtsibande.√√ (2)

1.1.5 Kuyidale ngokuba abantu bakwaMakhwetshu balwe kuba bebanga ukuba ivenkile ethengwe nguLungile Ntsibande ililungelo labo.√√ (2)

1.1.6 NguMaMtolo√ noMaMiya.√ (2)

1.1.7 Ityhila ukuba bangabalinganiswa abanezimo zokuthanda ukuncokola izinto zolwimi √√ / bangabalinganiswa abachubana nabanye abantu.√√ (2)

1.1.8 Usesikolweni√ / Use*Blythswood*.√ (1)

1.1.9 Yimfundiso yokuba umhlobo uyakwazi ukunganyaniseki√√ / Yimfundiso yokuba uyakwazi ukulahlekiswa ngumntu ocinga ukuba ngumhlobo wakho.√√ (2)

1.1.10 Isihloko sithi kusa kusihlwa aze umlinganiswa onguMpumelelo ebalini abe nobomi obunamahlandinyuka, ehlelwe zizinto ezimbi kodwa kuphinde kwenzeke ezintle. √√ (2)

### 1.2 ISICATSHULWA B

1.2.1 YeyakwaNtsibande.√ (1)

1.2.2 Wafuna inombolo yedompasi√ kunye neyenxiwa likatatomncinci wakhe.√ (2)

1.2.3 Ngumfanekiso ngqondweni wesikhumba√/Weliso√/Wokubona.√ (1)

1.2.4 (c)√/ (c) Ukubhubha kukaLungile noNomakhwezi√/Ukubhubha kukaLungile noNomakhwezi.√

(a)√/ (a) Ukubanjwa kwabantu abathengwe ngooNozililo bezama ukutshisa ivenkile.√/Ukubanjwa kwabantu abathengwe ngooNozililo bezama ukutshisa ivenkile.√

(b)√/ (b) Ukubanjwa kootsotsi ebebezama ukubulala uMpumelelo√Ukubanjwa kootsotsi ebebezama ukubulala uMpumelelo.√ (3)

1.2.5 Uqweqwedisa ooNtongana ukuba babange ivenkile engeyoyabo√ / Uthenga ootsotsi ukuba baphathe kakubi uMpumelelo√ / Batshise√ /Baqhekeze ivenkile yakwaNtsibande√ / Utha uNomakhwezi umoya wokuba alwe nabahlali kwakunye nomyeni wakhe.√

[Nasiphi isibini kwezi]

(2)

1.2.6 Ngumqondiso wesikhova esithe ngcu kwimoto yakhe√ kunye nowokuntumekeka kwemoto bengaphakathi noNomakhwezi.√ (2 )

1.2.7 Wafunda wade wafumana isidanga sobugqirha√ wongamela isibhedlele.√/ waba nevenkile edumileyo.√ (2)

1.2.8 Ngumbhali√, kuba wazi injongo yezenzo zabalinganiswa.√ (2)

1.2.9 UNozililo obengumyili weli yelenqe naye watshiselwa ngaphakathi emzini wakhe zizizalwane zotsotsi owafa ngale mini kuthethwa ngayo kwisicatshulwa.√√ / UNozililo ebevuya ecinga ukuba uMpumelelo uza kubulawa ngootsotsi suka kwabulawa umtshana wakhe.√√ (2)

**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

2.1 **ISICATSHULWA C**

2.1.1 E*Rio Cinema*.√ / Ebhayaskophu√ (1)

2.1.2 Kunzima nokuba babonakale ukuba bangoobani√√ / belimele kakhulu.√√ (2)

2.1.3 Sesokubanjwa kukaLinda Monti etyholwa ngokubulala uEddie noLulama.√√ (2)

2.1.4 Kukutsala umdla wababafundi ebalini√√/Sisiganeko esiza kuphandwa kweli bali.√√/Singunobangela wazo zonke izehlo ezikweli bali. √√ (2)

2.1.5 Ungusihlalo wombutho *iMoonglow Night Club*.√ (1)

2.1.6 'Kanti ke esi sigigaba sandulelwe kwangephezolo elo zizigigaba eziqale kwigumbi likaLinda Monti, esona sithandwa saziwayo sikaEddie.'√ (1)

2.1.7 Ngumfanekiso ngqondweni weliso.√/ wokubona√ (1)

2.1.8 Abanye babengakholelwa ukuba angangumbulali, bemthethelela abanye babevuya, bekholelwa ukuba nguye umbulali.√√ (2)

2.1.9 (b)√/ (b) Ileta eyayibhalwe nguLinda eya kuEddie√/Ileta eyayibhalwe nguLinda eya kuEddie. √

(c)√/(c) Inenekazi elalinxibe *imink coat* efana nekaLinda Monti√/Inenekazi elalinxibe *imink coat* efana nekaLinda Monti √/ Ivolovolo kaLinda eyayikhe yalahleka√/ (a) Ivolovolo kaLinda eyayikhe yalahleka√

(a)√/ (a) Ivolovolo kaLinda eyayikhe yalahleka√/Ivolovolo kaLinda eyayikhe yalahleka√./ (c) √/ Inenekazi elalinxibe *imink coat* efana nekaLinda Monti√/Inenekazi elalinxibe *imink coat* efana nekaLinda Monti√

[ Nayiphi impendulo kwezi iya kwamkeleka] (3)

2.1.10 Ufuna ukubonisa ukuba amanenekazi ayabandakanyeka kwizenzo zobugewu√√/NguThembisa obenokwenza ukuba izenzo zobugewu zamalungu ase*Moonglow* zingakhawulezi ziqapheleke.√√ (2)

2.2 **ISICATSHULWA D**

2.2.1 Kwidolophu yaseMonti.√ (1)

2.2.2 Siza kukunika iinyanga ezintathu ube uwuhlafunisisa lo mpoposho wethu. Emva kwezo nyanga, siya kwahlukana nawe.√ / asizukukususa ngolu hlobo ucinga ukuba wena siza kukususa ngalo√ (1)

2.2.3 Eyokuba akavumelani namalungu ombutho *waseMoonglow* malunga nokuthengiswa kwentsangu e*Moonglow Night Club*.√√ (2)

2.2.4 Kwavela ivolovolo√ nencwadi yokuthabatha amanqaku.√ (2)

2.2.5 Kumnyanzelise ukuba aqhubeke aphandisise kuba igama lenenekazi lesibini elathenga i*mink coat* azange laziwe *eFemina House*.√√ (2)

2.2.6 Kuyaselwa, kuyatshaywa akho lulawuleko ngulowo wenza akuthandayo.√√ / yindawo yolonwabo kudliwa imali kuthengiswa neziyobisi√√ / kusetyenziswa iziyobisi. √√ ngumsitho wakwaLambathayo.√√ yindawo apho abantu babekwazi ukuzipholela baphumze iingqondo.√√ (2)

2.2.7 Kukuveza ngokuphandle izimo zabalinganiswa.√√ / ngokolu didi lwenoveli injongo kukuveza eyona ndlela izinto ezathi zenzeka ngayo.√√ (2)

2.2.8 Ungumlinganiswa ongafuni nto ibulala ikamva labantu√/Othanda inkqubela√/Onomqolo√ nolithandazwe.√/ungudlalani√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.2.9 Kufanelekile kuba uzibonakalise njengomcuphi okhathalayo nongumakhwekhwetha ekuphandeni wasombulula isishiqi sokufa kukaEddie noLulama.√√

**OKANYE**

Akufanelekanga kuba uqale waya kubamba uLinda Monti engaphandisisanga.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

2.2.10 Amalungu *aseMoonglow Night Club* ebeba ngokosulela uLinda ngetyala wona aya kusinda kodwa avela.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 3: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

### 3.1 ISICATSHULWA E

3.1.1 Esikolweni iNobutho√/Eofisini kaLoni.√ (1)

3.1.2 Chief.√ (1)

3.1.3 Injongo kukumhlokoza uLoni√√ / Kukufuna ukuba abe nomsindo√√ / Kukwenza ukuba uLoni ayithathele phezulu le nto aza kumxelela yona√√/Kukufuna ukuba athabatheke ave ukuntyontyelwa√√ / Ukuveza izinto ezonakalisa isikolo√√ / Kukumlumkisa. √√ (2)

3.1.4 Uqale waphosisa wathi utywala ebeye kubuthatha kwasisi Nomaxolo kanti ebeye kubuthenga√ / Uthunywe utywala nguNdila kodwa xa ebuzwa akaxeli nyani.√ (1)

3.1.5 Kukuxoxiswa kwintlanganiso agxothwe√ / Wagxothwa. (1)

3.1.6 … okweengcambu zomdiliya ...√ / Ubuxhwane.√ (1)

3.1.7 C. Abalinganiswa bazithethela ngokwabo.√ /C√/ Abalinganiswa bazithethela ngokwabo.√ (1)

3.1.8 Amazwi la ebewabhekisa kuNdila kanti naye uLoni uphele ekwakule ngxaki.√√ (2)

3.1.9 Yintlekele.√ (1)

3.1.10 Ucebise uZanele ukuba makathandane noLoni.√
Uye waqinisekisa ukuba kwitheko lakhe uZanele noLoni bayadibana.√ (2)

3.1.11 Ungumphixanisi√ kuba nguye oxelele uLoni ngokusela utywala kukaNdila emsebenzini nokuba makenze into ngako, ibe kwanguye nokhuthaza uNdila ukuba aziphindezele kuLoni√ / Uthanda izikhundla√ kuba uthutha iindaba ngoNdila noLoni ngeenjongo zokuba ekugqibeleni ibe nguye inqununu.√ (2)

3.1.12 Ugwetywe iminyaka elishumi entolongweni√ / Ubanjiwe.√ (1)

3.1.13 Bobabini uLoni noNdila abangabalinganiswa abangquzulanayo baphele bebhubha.√√ (2)

3.2 **ISICATSHULWA F**

3.2.1 Wazisa indawo oqhubeka kuyo umboniso.√ (1)

3.2.2 eNxarhuni√ / esikolweni.√ (1)

3.2.3 Indlela amphendule ngayo uZanele uFuneka ibonisa ukuba uwathathe njengendelelo la mazwi√√ / Uphendule ngokumlumkisa ukuba angayinyatheli emsileni inyoka√√ / Uye wabonakalisa ukucaphuka uZanele kwimpendulo yakhe.√√ (2)

3.2.4 Othanda amayelenqe√ / Okhohlakeleyo√ / Ovuma yonke into.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

3.2.5 (a) (c) Ukuhambela kukaMaziko kwaNdila√ / (c) √ / Ukuhambela kukaMaziko kwaNdila.√

(b) (a) Ukuhambela kukaMaziko kwaMadala√ / (a) √ / Ukuhambela kukaMaziko kwaMadala.√

(c) (b) Ukucelwa kukaLoni ukuba azirhoxele emsebenzini√ / (b) √ / Ukucelwa kukaLoni ukuba azirhoxele emsebenzini.√ (3)

3.2.6 Njengomlinganiswa oliwexuwexu√, nangona efuna ukutshata uyakwazi ukutshintsha ingqondo yakhe athandane nendoda etshatileyo ngenxa yeengcebiso zikaFuneka.√ (2)

3.2.7 Ucenge uLoni ukuba makasele utywala ngomhla wetheko, de noLoni wasela.√ (1)

3.2.8 Akazange ayiqonde ukuba impindezelo ayijolise kuMawonga iza kubulala yena.√√ (2)

3.2.9 Isenzo sikaMadala sokuthethelela uNdila senze ukuba uNdila ambone uLoni njengoyena mntu umphelisele ngomsebenzi, waze wanenzondo ngakuLoni.√√ (2)

3.2.10 Sasifanelekile, kuba wayaphule umthetho kwaye kwakungekokokuqala evela phambi kwekomiti yesikolo malunga nokuziphatha kwakhe.√√

**OKANYE**

Sasingafanelekanga, ngekwakuthatyathwe amanyathelo okuba ancedakale kwingxaki yakhe yokusela, asiwe nakwiziko lokunceda abantu ababusela kakhulu utywala.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 4: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa

### 4.1 ISICATSHULWA G: 'KANTI ANDIZENZANGA' – LL Ngewu

4.1.1 Sesokuba uMntuyedwa akhe ayokuxhwarha kwenye indawo√√ / Sesokuba uMntuyedwa emke eSikhobeni.√√ (2)

4.1.2 Luloyiko lokuba abantwana belali bangalandela umkhuba kaMntuyedwa.√ (1)

4.1.3 Ibonisa ukuba awasamkeli isigqibo sikaMntuyedwa sokukhetha ukuba ngumntu wasetyhini√ / Akayamkeli.√ (1)

4.1.4 Wathi, 'uya kuwacacisela amadoda lawo ukuba intando yawo iza kwenzeka kuba kaloku wona engamadoda.'√√ / Wathi iya kwenziwa loo nto kuba wona engamadoda' √√ (2)

4.1.5 Igama uMntuyedwa lithetha ukuba ngumntu ofana yedwa nalapha ebalini kumakhwenkwe akhoyo nguye yedwa oyinkwenkwe enxiba nenezimbo zamantombazana eSikhobeni. √√ (2)

4.1.6 (c) Ukubizelwa kukaMntuyedwa embizweni ngamakhwenkwe√ / (c) √/Ukubizelwa kukaMntuyedwa Embizweni ngamakhwenkwe.√

(a) Ukubizwa kwembizo komkhulu yokukhalimela isimo sikaMntuyedwa√ / (a) √ / Ukubizwa kwembizo komkhulu yokukhalimela isimo sikaMntuyedwa.√

(b) Ukuya kukaMaDosini kwaMfundisi√ / (b) √ / Ukuya kukaMaDosini kuMfundisi.√ (3)

4.1.7 NguMaDosini√ / Amantombazana elali √ / Noomama belali √

[Nasiphi isibini] (2)

4.1.8 Oomama abanalungelo lakuvakalisa izimvo, ngootata kuphela abathatha izigqibo.√√ (2)

4.1.9 Isimo somntu ngamnye asibangelwa nguye.√√ / Umba wokunxaxha komntu ngokwesini awukamkeleki kuluntu kuba akagxothwanga eSikhobeni qha uphinde wagxothwa naseMnyameni.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.2 **ISICATSHULWA H: 'IKHIKHIZELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu**

4.2.1 Kwilali yaseDangwana.√ (1)

4.2.2 Ebusuku√/ ngentsimbi yethoba.√ (1)

4.2.3 Kwakudlakadlaka idyasi, ibhulukhwe nehempe, nezihlangu zikrazukile.√√ (2)

4.2.4 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso.√ (1)

4.2.5 … ukrwitshwe ngamazwi emqaleni …√ (1)

4.2.6 Sesokukhumbula ubomi bakhe bobuntwana√ / Sesokunqwenela ukuba ubomi bakhe bungabuyela kwinto obabuyiyo ngaphambili.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

4.2.7 Wemka kowabo kubhubhe utata wakhe√, wathi sele ebuyele ekhaya wangafuni ukwalusa iinkomo zikayise.√ (2)

4.2.8 Yintsingiselo yokuba wabona la mazwi engawalindelanga aze amvusela isazela okanye amhlaba.√√ (2)

4.2.9 Yimpixano yangaphandle.√ Izimvo zabo ziyahluka malunga nokubuyela kukaFanabekho esikolweni kunye nokuthatha uxanduva lwekhaya.√ (2)

4.2.10 A. Ngumbhali √/ A. √/Ngumbhali.√ (1)

4.2.11 KuFanabekho√ kuba nangona ekho akaloncedo kokwabo nasekuhlaleni.√ (2)

4.2.12 Sasifanelekile kuba yayingumnqweno wakhe ukuba abuye wenza neenzame zokuba abuye, waya kooSiyazi nakubathandazeli.√√

**OKANYE**

Sasingafanelekanga ngewayethe makaphinde apho avela khona ukuze afunde ukuziphatha ngendlela eyamkelekileyo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

## UMBUZO 5: *VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli

### 5.1 'Intaba kaNdoda' – LS Ngcangatha

5.1.1 Ngumsebenzi wokucela ukumanyelwa√/Sisivula-lomo√/Kukuboleka iindlebe.√ (1)

5.1.2 Yimvano-siqalo.√ (1)

5.1.3 Intaba kaNdoda yintaba eqaqambileyo kunezinye iintaba ezibalulekileyo√√ / Yintaba exatyisiweyo.√√ (2)

5.1.4 Umqolo wesi-6 utyhila ukuphakama kwale ntaba√√ / Inkangeleko yayo.√√/Ityhila ubungcwele ngokwesidima ngokuthi isondele ebuThixweni.√√ (2)

5.1.5 Ngumfanekiso –ngqondweni wendlebe.√ / Wokuva. Igama 'kutsholoza' kunika izandi ezenziwa ziintaka neenyamakazi ezivakala endlebeni√ (2)

5.1.6 Sisifaniso.√ (1)

5.1.7 Ingundoqo weembali zakwaXhosa.√√ (2)

5.1.8 A √ / A Imbongi iyayincoma le ntaba√ / Imbongi iyayincoma le ntaba.√ (1)

5.1.9 Sisandi u 'kh'√ Yimfano-zandi√ (2)

5.1.10 Ingongoma ephambili ngumnqweno wembongi wokuba le ntaba ihlale naphakade.√√ / Le ntaba mayihlale ihloniphekile ingaphelelwa sidima.√√ (2)

5.1.11 Imbongi yonwabile√√ / Ichulumancile.√√ (2)

### 5.2 'Ukungcwatywa kwetalente' – C Nqakula

5.2.1 'ngeqhayiya'√ (1)

5.2.2 Ndi √ (1)

5.2.3 Ibubomi obungenamisebenzi mihle√ kuba izisola ngokuba kungekho misebenzi mihle iza kuyishiya.√ (2)

5.2.4 Yisonethi.√ (1)

5.2.5 Ukuba isizwe sayo sibe nezinto zokusiphilisa singaxhomekeki kwezinye izizwe.√√ (2)

5.2.6 Umntu ngamnye kufuneka axhase abanye abantu.√√ (2)

5.2.7 abab.√ (1)

5.2.8 (a) ii)√/(ii) Kuthethwa ngobomi bembongi√ / Kuthethwa ngobomi bembongi.√

(b) (i) √/(i) Kunikwa isisombululo√ / Kunikwa isisombululo.√

(c) (iii)√ /(iii) Kuvuselelwa ubuntu√ / Kuvuselelwa ubuntu.√ (3)

5.2.9 Kwisitanza sokuqala idakumbile kwesesithathu inomoya wenkuthazo/ Iyacebisa.√√ (2)

5.2.10 Umntu makazisebenzise iziphiwo zakhe√√ / Umntu makazimisele ukuxhasa abanye abantu.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**